



Co-Funded by
the European Union



Commonwealth
Foundation

Supported by the Commonwealth Foundation

FishersNet



Published by:

Coastal Links and Masifundise Development Trust

1 Station Road, Mowbray, Cape Town 7700 | Tel: 021 685 4549 • Fax: 021 685 3816

Email: info@masifundise.org.za • Website: masifundise.org/ • Facebook: <https://www.facebook.com/Masifundise>

Twitter: <https://twitter.com/MasifundiseDT> • Instagram: <https://www.instagram.com/masifundisedt/?hl=en>

VOL. 41 - Jun 2022

Inqaku loMhleli

WAMKELEKILE KUHLELO lukaJuni kowe-2022 lweFishersNet, isigidimi seendaba seMasifundise Development Trust (iTrasti yoPhuhliso yeMasifundise) kunye neCoastal Links South Africa.

Olu hlelo luphonononga ukuntsonkotha kweNkqubo yoLwabelo lwamaLungelo okuLoba (Fishing Rights Allocation Process) (i-FRAP) kunye nendlela echaphazela ngayo abalobi abasakhasayo kunye nookopoletyeni babo. Ngenxa yokuncipha kolwabelo nokuphela kwezitokhwe zeentlanzi, abantu abaphila ngokuloba bazibona bekwimeko yokuba sesichengeni ngokwandayo benokuncinci kwibhaskithi yabo kunyaka ngamnye.

Kwakhona kolu hlelo siza kujonga ukubhengezwa kokugazethwa koMgaqonkqubo weNational Freshwater (Kude nonxweme) Wild Capture Fisheries liSebe lezamaHlathi, ezokuLoba nezeNdalo (Department of Forestry, Fisheries and Environment (i-DFFE). Ukugazethwa kwalo mgaqonkqubo kusisondeza ekuphumezeni. Sisenethemba lokuba inkqubo yokuphumeza iza kuthatha indlela elulutho neyentsebenziswano egxile kwizidingo nakwisidima sabalobi abaloba kude nonxweme. Okwangoku, abalobi abaloba kude nonxweme baseJozini naseGariiep baqhubeka nokugaya inkxaso ngamalungelo abo ngoqhankqalazo nangeengxoxo ngeengxoxo.

Ngeminye imicimbi iMasifundise iqhuba amahambo amafutshane ophando amaninzi ngaselunxwemeni lonke nakwiingingqi zabantu abaphila ngokuloba ukusukela ekuqaleni konyaka. EKwaZulu-Natal sibe nako ukuquzelela iintlanganisano zasekuhlaleni ezininzi kwaye sagqugula namalungu eQela eliTyunjelwe uMsebenzi achongiweyo. Sibe nako kwakhona ukuthatha amanyathelo okuveliswa kwesibini kwenkqubombaliselo yokuloba kude nonxweme eza kugxila kubarhwebi beentlanzi abangabhinqa kunye nokuphulukana kwabo neendlela zabo zokuziphilisa ezisisiseko.

Iindaba ezichulumancisayo, abalobi abasakhasayo baye baliwina ityala eliphakathi kwabo nenkampani yeoyile negesi, iSearcher Seismic. Uloyiso olubalulekileyo lwabalobi abasakhasayo, iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni ayizange ivumelane noqhushumbiso kuNxweme lweNtshona. Wanga umoya wokulwa nokomelela kwabalobi abasakhasayo kungaqhubeka nokukhuthaza uloyiso olungaphaya.

Abalobi abakhasayo babekelwe bucala phantsi kweFRAP



NKQUBO YOLWABELO

IwamaLungelo okuLoba (Fishing Rights Allocation Process) (i-FRAP) iqhubeka nokuba yexabanisayo kwicandelo lezokuloba. Le nkqubo yenzelwa ukuba ilawule ulwabelo lwezidalwa zohlobo olunye kunye nokuqinisekisa ukuba abantu abazimeleyo, uluntu, kunye neenkampani ebezihlelekile ngaphambili ngaphambili kwaye nebezingamelwanga ngokwaneleyo zibandakanywe kushishino lwezokuloba. Nangona kunjalo, ukuphunyezwa kwe-FRAP nokulambatha kwezakhono kwiSebe lezamaHlathi, ezokuLoba nezeNdalo likarhulumente (i-DFFE) liyishiya le nkqubo ikwimo emaxongo.

Kule nkqubo, icandelo lezorhwebo libekwa phambili kwaye okubekelwa bucala kwishishini lezokuloba kwabasakhasayo akwanelanga ukulungiselela ibhasikithi egcwelelo yabalobi abasakhasayo kunxweme. Umzekelo, ngaphezulu kwama-70% yokuloba iintlanzi ngosinga kwamandulo kwabelwa ezorhwebo, nangaphambi kokuba ube uMgaqonkqubo we-SSF ugqityiwe.

Ngomhla wama-25 kaMatshi i-DFFE yavulela kwakhona izibheni ze-FRAP. Ikomiti yababinqa aseHondeklipbaai (eMntla Koloni) awayengathathwa nje ngabalobi abasakhasayo bokwenene

kwisicelo sabo phantsi koMgaqonkqubo wokuLoba kwabasaKhasayo athatha isigqibo sokufaka isicelo samalungelo okulobela ezorhwebo phantsi kwe-FRAP. Oku kusebenza ngezicelo ezizimeleyo ngezidalwa zohlobo olunye ngazinye, isicelo ngasinye sinendleko yaso. Eli qela lamabhinqa lalikulangazelela ukuchitha amaR14000 awayeza kudliwa wona ukwenza isicelo sezidalwa zohlobo olunye ezifanelekileyo. Amabhinqa aya ePort Nolloth ukwenza isicelo ngokugcwalisa ngokubhala ngesandla, kodwa axelelwa ukuba abuye ngosuku olulandelayo. Ngelixa agcwalisa ifomu yesicelo ngosuku olulandelayo, axelelwa ukuba iSebe libuyela eKapa kwaye ke ngoko bawuphosile umhla wokungenisa. Aye ke azama ukwenza isicelo ngeintanethi, kodwa ngenxa yokulambatha kweintanethi noqhagamshelwano olusilelayo eHondeklipbaai, awazange abe nako ukwenza isicelo. Le nkqubo ikhuphela ngaphandle ngokucalucalulayo uluntu oluhlelekileyo.

Ukuncipha kwebhasikithi yabasakhasayo kuyavakala kubalobi abasakhasayo baKwaZulu-Natal, baseMntla Koloni, eNtshona Koloni naseMpuma Koloni.

“Ibhasikithi esiyinikiweyo yi-DFFE ayonelanga konke konke. Sibamba iimbaza

Iqhubeka kwiphepha 2



Ngasentla: Umlobi ovela ePaternoster ebonisa iikreyifishi.

INkala yamaTye yoNxweme lweNtshona eneXabiso ikwiSimo esiBi (West Coast Rock Lobster)

INKALA YAMATYE yoNxweme lweNtshona (West Coast Rock Lobster) (i-WCRL) zizidalwa zohlobo olunye ezinexabiso kubalobi abasakhasayo eNtshona Koloni naseMntla Koloni, kunye nomthombo obalulekileyo wengeniso yonyaka kwaba bahlali bezi ngingqi. Ngowe-2021, emva kwenkohlakalo yokucuthwa ngephanyazo kweNani eliVumelekileyo lokuLotywayo kukoNke (Total Allowable Catch) (i-TAC), iConsultative Advisory Forum (i-CAF) yamiselwa ngenjongo yokujonga kwakhona inkqubo ye-TAC ka-2021/22 kunye nolwabelo.

Izidalwa zohlobo olunye i-WCRL zincipha ngokumandla eMzantsi Afrika, ngenxa yokulotywa kakhulu kwazo ngexesha elingaphambili, uguquko lobume bezulu kunye nezinye iimeko. Ngokuphathelile kwi-DFFE, uhlobo oluhlaziyiweyo lowe-2021 lubonakalisa ukuba inani le-WCRL

lihle ngaphezulu kunokuba bekulindelwe kwiminyaka emibini edlulileyo kwaye kunokuba ibe ngama-90% enqanaba lowe-2006 njengoko kuqikelelwe ngowe-2019, lo vimba ngoku uqikelelwa kuma-70% kuphela. Oku kugqibelele ekucuthweni ngephanyazo kwe-WCRL TAC ngexesha lonyaka lowe-2021/22 ukuya kuma-600-eetoni, ukucuthwa ngokwama-28.3% kwixesha elingaphambili.

Kubekho inkxalabo eyandileyo malunga nolwabelo lwe-WCRL kumacandelo wabasakhasayo nawezorhwebo, okugqibelele ngokuthi uMphathiswa uBarbara Creecy onyule i-CAF ukuba ilujonge kwakhona.

UMphathiswa wamkela iqela lezindululo kwingxelo ye-CAF elabandakanya kakhulu iimeko ezimandundu ezihlangene nentlalo noqoqosho zabalobi nokuxhomekeka kwabo kwi-WCRL ukuze babe nokuziphilisa. I-CAF indulula ukuba i-TAC ngexesha

lowe-2021/22 inyuswe ibe ngama-700 eetoni, ukuba kundululwe inkqubo yolawulo ngokuhlangeneyo, kwaye nokuba isicwangcisoqhingha sokuncitshiswa kokuzingela ngaphandle kwemvume siyaphunyezwa ukulondoloza isitokhwe kwaye kuqinisekise ukuba uluntu oluphila ngokuloba lunako ukuzuza kumzila wenguqulelo ekrwada.

Isindululo sokuvuseleleka kukavimba yayikuncitshiswa ngokwezigaba (700/550/400), okuza kuhlolwa kwakhona kunyaka ngamnye. Okucacileyo kukuba i-TAC ye-WCRL iza kuncitshiswa rhoqo ngonyaka, kwaye abalobi abasakhasayo nabahlali beengingqi babo kufuneka basebenzisane kwaye baxoxe ngenjongo yokuzilungiselela oku. Sihlaba ikhwelo ukuba yonke i-TAC ye-WCRL yabelwe icandelo labasakhasayo, ukuvumela ukuba abahlali beengingqi babe nokuzuza.

Voices of the community

**Ingaba wanelisekile ngolwabelo lwakho lwangoku?
Ungathanda ukulubona ulwabelo/ibhasikithi lwe(ye)
zidalwa zohlobo olunye ukuba lu(i)tshintshe njani?**



**Ntsindiso Nongcavu, Port St Johns,
Eastern Cape**

Asiyonwabelanga ibhasikithi yethu konke konke kuba incinci kakhulu. Ulwabelo lwethu alubonakalisi izidalwa zohlobo olunye zemveli kwaye asinakuziphilisa ngalo. Yiyo loo nto kubaluleke kakhulu ukuba abalobi abasakhasayo babandakanyeke kwinkqubo yokuthathwa kwezizigqibo ngokuphathelile kulwabelo lwezidalwa zohlobo olunye. Akwanelanga ukuba sibe siyabandakanywa kodwa izimvo zethu mazithathelwe ingqalelo ukuze sibone iinguqulelo ezilulutho kwibhasikithi yethu.



**UAndre Cloete, eDoringbaai,
eNtshona Koloni**

Asanelisekanga zizidalwa zohlobo olunye zangoku ezikwibhasikithi kuba ayikwazi ukusigcina thina balobi abasakhasayo. Ukucuthwa ngokukhawulezileyo kweNani eliVumelekileyo lokuLotywayo kukoNke ukusukelwa ukuqaliswa kwesiBonelelo seThutyana, kuqinisekise ukuba abalobi baza kuhlala behluphekile. Izitokhwe zeKolofishi zaziphantsi ngeli xesha zaza zaqala ukunyuka ekupheleni kwexesha lonyaka. ISebe ke ngoko kufuneka lithathele ingqalelo uguquko lobume bezulu xa lisabela izidalwa zohlobo olunye. Njengabalobi sibona ngokucacileyo ukuba iindlela zokufuduka ziyaqalisa ukutshintsha, yiyo loo nto i-DFFE kufuneka ithathele ingqalelo ukutshintsha umhla wexesha lekolofishi. Ngalo mzuzu sineentlanzi ezilotywa ngosinga, ikolofishi kunye nesigcayiseli kwibhasikithi yethu. Singathanda ukuba zonke izidalwa zohlobo olunye ezikummandla wethu ukuba zongezelelwe kwibhasikithi. Singathanda ukubona izidalwa zohlobo olunye eziphila kulwandle oluvulelekileyo ngokungaphaya kwibhasikithi yethu



URovina Europa, eArniston, eNtshona Koloni

Ngalo mzuzu abantu bethu bayasokola nanje ngoko ulwabelo lwangoku lungahlangebezani neenkitho zekhaya. Ingeniso yethu eninzi iya kubamakethi, kwimizimveliso nakwifuweli. Ngaphambili, sicele ukuba ibhasikithi ibe zizidalwa zohlobo olunye ezifumaneka kummandla wethu kodwa ngenxa yoguquko lobume bezulu, uninzi lwezidalwa zohlobo olunye olulolona lunengeniso lufudukela kweminye imimandla luze luphelele kwimiMandla eKhuselweyo yaseLwandle (Marine Protected Areas) esingakwaziyo ukufikelela kuyo. Amaxesha amaninzi, le mimandla iyashenxiswa kungakhange kuboniswa nabahlali okuthetha ukuba abalobi baphulukana nezona zidalwa zabo zohlobo olunye ezinezuzo. Sicela ukuba urhulumente abele ibhasikithi egcweleyo yezidalwa zohlobo olunye, ukuze sibe nako ukwenza ingeniso ezinzileyo zize iimeko zethu zokuphila zibe zezinesidima.



USabelo Mzileni, eNibela, KwaZulu-Natal

Abalobi kulo lonke unxweme baxhalabile ngolwabelo oluyeluncipha ngokuncipha. Olu lwabelo lubeka kwimo engalunganga abalobi abasakhasayo kwaye inempembelelo kwingeniso yabo. Izidalwa zethu zohlobo olunye zemveli azifikeleli konke konke kuluhlu kwaye le yingxaki enkulu.

Ighubeka ukusuka kwiphepha 1

ezingama-50 kuphela ngosuku, asikwazi nokondla iintsapho zethu ngaloo mlinganiselo. Sifanelwe zizidalwa zohlobo olunye esinokuthi senze ingeniso ngazo size siphile ngokunesidima", utshilo uSibongiseni Ndumiso, umlobi waseCwebe.

UMphathiswa kufuneka abe nobulumko obungaphaya xa esabela la malungelo. Ukwabela onke amalungelo kungakhange kubekwe phambili umlinganiselo kwicandelo lezokuloba labasakhasayo kuza kuphinda kwakhona kubeke engxakini ngokungaphaya iindlela zokuziphilisa kwabalobi. Ukulambatha kolwabelo lwebhasikithi eyaneleyo lwabalobi abasakhasayo kuza kwenzeka ukuba ukuphunyezwa komgaqonkqubo kungabi nako ukwenzeka. Abalobi abasakhasayo kufuneka babe yinxenye yokwenziwa kwezizigqibo ukuze kumiselwe ibhasikithi efanelekileyo yezidalwa zohlobo olunye.



**UBuso ngoBuso
with Dumazile Mkhonto**

Ngubani uDumazile Mkhonto?

Igama lam ndinguDumazile Mkhonto, ndazalelwa kwaye ndakhulela eVutshane eKosi Bay. Anditshatanga kwaye andinabantwana. Yonke imfundo yam ndiyiqhube eVutshane.

Kwakunjani ukukhula kwingingqi yakho?

Ukukhulela kwam eVutshane kwakungekho lula kuba ndaswelekelwa ngutata ndisemncinci kakhulu. Utata yayinguye kuphela osondayo kwaye eziphilisa ngokuloba. Ngale ngeniso wayekwazi ukundifundisa kwaye athenge nokutya. Ukusweleka kukatata wam kwanyanzela ukuba umama angene ezihlangwini zakhe. Wasifundisa indlela yokuqokelela iimbaza, iingcongolo kwaye sathi ekugqibeleni safunda nokuloba ngokunjalo.

Zeziphi izinto ochitha ngazo ixesha lakho okanye onomdla kuzo ngaphandle kokuloba?

Ndithanda ukudlala isoka kunye nokubaleka. Ndinayo kwakhona negadi encinci endityala kuyo iintlobo ngeentlobo zemifuno. Ukuvuna imifuno emitsha yenye yezinto eziqaqambileyo ukuba ngumfama osakhasayo kwam kuba ndiqiniseke ngokuba ndiza kufumana ukutya okunempilo nokungabizi kakhulu.

Lingakanani ixesha uloba, kwaye yeyiphi imimandla oloba kuyo?

Ndandineminyaka eli-11 ubudala ukuqala kwam ukuloba. Ekukhuleni kwam sasingenazo izinto zokudlala ngako oko ukuloba yaba yeyona ndlela ingundoqo yokuzonwabisa ngelixa siziphilisa. Ndaqalisa ukuloba kude kumachweba amancinci eKosi Bay


Lingakanani ixesha uyinxenye yeCoastal Links?

Ndibe yinxenye yeCoastal Links iminyaka esi-8. Ndikugcobele kakhulu ukuba yinxenye yeCoastal Links kuba isincedile ukuba sazi amalungelo ethu kwaye nokuba sizame ukuwakhulisa.

Ingaba ukopoletyeni okuwo usifakile isicelo se-FRAP kwaye ingaba uphumelele?

Abalobi abazi ngokwaneleyo nge-FRAP. Sidinga ukuxhotyiswa ngezakhono ngokungaphaya nangolwazi olumalunga nale nkqubo. Mhlawumbi kwixesha elizayo singaba nako ukuyisebenzisela ukuphembelela ibhasikithi yethu nolwabelo.

SCHOOL OF FISHERS



Illustrated by:
Caine Swanson

Uloyiso lweesaveyi zoqhushumbiso

Bhayibhayi Searcher kwaye ungaphinde ubuye!




Kwakhona, sibonakalise ukuba ukuba siyabambana ngelizwi elinye singaphumeza nantoni na.



Ewe, olu lulo yiso olubaluleke kakhulu kubalobi abasakhasayo, kodwa kufuneka siqhubeke nokulwa. Izicelo zezezimbiwa eziye zikhula ngokukhula zibeka esichengeni imisebenzi yeendlela zokuziphilisa zabalobi.



Kulungile. Kunyaka ophelileyo, iShell yayifuna ukuqhuba isaveyi yoqhushumbiso kwiWild Coast kwaye uluntu olunxuse ulwandle eMpuma Koloni lwakulwela oko. Inkundla ke ngoko yathintela iShell ukuqhuba nawuphi na umsebenzi woqhushumbiso kwaye senze kanjalo nakuNcweme lweNtshona.



Ndiyazi ukuba simise ngokuyimpumelelo uQhushumbiso lweSearcher, kodwa esi sigwebo sibakhusela njani abalobi abasakhasayo? Sithini?



Isigwebo sibone isidingo sokubonisana nabahlali beningqi abaphila ngokuloba phambi kokuqhuba naluphi na upuhliso oluza kuchaphazela ubutyebi bendalo babo kunye neendlela zabo zokuziphilisa.




Ngako oko, iSearcher ayizange ibe nemvume yabahlali ukuqalisa uqhushumbiso lwayo kumgangatho wamazantsi olwandlekazi?





Hayi, ayizange kwaye abahlali basakufumanisa ukuba iSearcher iyaqhubeka nemisebenzi yayo yeoyile negesi, baya kwiNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni ukubamisa.



Ndivuya kakhulu ukuba siye sakwazi ukubathintela ukuba baqhubeke nokuqhushumbisa kwabo kuba oko kunganempembelelo embi kubalobi abasakhasayo.



Ewe, uqhushumbiso olwalunokwenziwa yiSearcher ngolwalwenze umonakalo wanaphakade kuNxweme lweNtshona.



Kuyinyani oko. Uqhushumbiso ngoluye lwanempembelelo kwiSnoek run oko kushiye abalobi bengenayo ingeniso okanye indlela yokuziphilisa.



Ngako oko, yayilityala elibaluleke kakhulu eli kubalobi abasakhasayo.

Ewe, kuba lagxininisa ukuba sonke siyalingana phambi komthetho ngako oko ukusilela kweSearcher ukubonisana nabahlali yayikukunyasha amalungelo abo.



Wow! Ndiziva ndinebhongo ukuba ngumlobi osakhasayo kwaye amalungelo am, indlela yokuziphilisa kwam kunye nenkcubeko yam ziyaqondwa kwaye ziyakhuselwa ngokomthetho ziinkundla zoMzantsi Afrika.



Ewe, kodwa okulusizi, ukulwa kwethu akuphelelanga apha. Iinkampani ezingaphaya zifaka izicelo zokuqhuba iisaveyi zokuqhushumbisa kunxweme lwethu.

Ndivile ukuba iTosaco Energy ifuna ukuqhuba isaveyi yokuqhushumbisa eMntla Koloni ukufumanisa ioyile negesi kude nonxweme kwaye neTotal Energies nayo ifake isicelo sokuqhuba imisebenzi yezezimbiwa kude noNxweme loMzantsi-Ntshona.

Kufuneka siqhubeke nokukhangela imisebenzi yeOperation Phakisa kunye nesicwangciso iOcean Economic Master kuba zonke zibeka esichengeni iindlela zokuziphilisa kwabalobi abasakhasayo.



Ngasentla: Indibano namanina ashishina ngeentlanzi eMsiyane KwaZulu-Natal.

Abalobi abakude nonxweme bagaya inkxaso yamalungelo ngelixa belindele ukuphunyezwa komgaqonkqubo

NGOMHLA WAMA-25 kaFebhruwari yowe-2022 iSebe lezamaHlathi, ezokuLoba nezeNdalo (i-DFFE) ligazethe uMgaqonkqubo weNational Freshwater (Kude nonxweme) Wild Capture Fisheries owamkelwa yiKhabhinethi ngomhla we-4 ka-Agasti yowe-2021.

Ithemba lelokuba umgaqonkqubo uza kuqonda ngokusemthethweni imisebenzi yendlela yokuziphilisa kwabalobi abakude nonxweme kwaye ukhusele indima yabo njengabavelisi bokutya ababalulekileyo kunye negalelo labo kukufumaneka kokutya kunye nokudalwa kwemisebenzi kwinqanaba lengingqi. Abalobi abasakhasayo abakude nonxweme kwixesha elingaphambili bebephila kwiimeko ezingenamthetho uqingqiweyo, oko kugqibelela ekuxhatshazweni nasekwenziweni kwabo abaphulimthetho ngokuqhuba kwabo imisebenzi yendlela yokuziphilisa.

Ukusukela ekugazethweni kwalo mgaqonkqubo, abalobi abakude nonxweme baseGariiep Dam, eVanderkloof Dam, naseJozini Dam bebevkalisa izimvo zabo kwaye begaya inkxaso yamalungelo abo kwinqanaba lengingqi.

Ngomhla wama-25 kaMatshi, abalobi abakude nonxweme beengingqi zaseNorvalspont, eGariepdam, eVenterstad naseOviston benza uqhankqalazo oluzolileyo ngaphandle kwamasango e-Eastern Cape Parks and Tourism Agency (i-ECPTA) eOviston emva kokuba baye balelwa kaninzi ukufikelela kwimimandla yabo yokuloba



Ngasentla: Abalobi bangaphakathi elizweni baseGariiep, Norvalspont, Venterstad naseOviston beqhankqalaza ngaphandle kwee-ofisi ze-Eastern Cape Parks and Tourism Agency (ECPTA).

yemveli eOviston Nature Reserve. Abalobi, uninzi lwabo olungekho kwinqqesho kwaye abalobela ukuziphilisa, bafikelela kwisiza sokuloba esinye kuphela ngaphandle kwendleko, kwaye bahlawuliswa umrhumo wama-R25, nangona bengenayo ingeniso. Abalobi ngoku banxibelelana ne-ECPTA ukuzama ukufikelela kwisivumelwano kunye.

Ngomhla wesi-7 kuMatshi iMasifundise yasingatha intlanganiso eJozini. Le ntlanganiso iye yagxila kwimeko yamashishini ezokuloba akude nonxweme kummandla ngokunjalo kwajongwa imingeni ethintela iindlela zokuziphilisa kwabalobi abakude nonxweme. Le ntlanganiso yadala ithuba apho abalobi bathe banako ukumela ilungelo labo lokutya nakukuqondwa kweendlela zokuziphilisa kwinqanaba lengingqi ngabachaphazelekayo abanje ngeenkokeli zomthonyama kunye nabalawuli

bakamasipala wengingqi.

Injongo yolu qhankqalazo nale ntlanganiso yayikukuxhasa abalobi abakude nonxweme kunye nabahlali beengingqi zabo ukomeleza izimvo zabo ukuthabatha inxaxheba kwiinkqubo zokuthathwa kwezizigqibo nabathabathinxaxheba abohlukeneyo, ingakumbi urhulumente kwinqanaba lengingqi, lephondo nelikazwelonke. Olu ibe lupuhliso olubalulekileyo kubalobi abakude nonxweme ukufumana izisombululo zexeshana ukumisela ufikelelo ngelixa silinde ukuphunyezwa komgaqonkqubo wamashishini ezokuloba.

Kubalulekile ukuba inkqubo yophuhliso lwayo yomibini imimiselo yomgaqonkqubo kunye nesciwangciso sokuphumeza iquke izimvo zabalobi abasakhasayo ukuze ibazuzise ngokungcono bona kunye nabahlali beengingqi babo.

Yazi ngophando olwenziwa ngaphandle lweMasifundise

EMVA KWEMINYAKA emibini kabhubhane wehlabathi we-Covid-19, nezithintelo zakhe ezininzi neentandabuzo ngokunjalo, iqela leMasifundise lide labuyela ngokupheleleyo kuphando olwenziwa ngaphandle kulo nyaka.

NgoFebhruwari, uMatshi kunye noEpreli iqela laqhuba imisebenzi yokuxhobisa ngezakhono kunye noPhando loMsebenzi woThabathoxaxheba (Participatory Action Research) (i-PAR) kuluntu lwaseNtshona Koloni e-Ebenhaezer, ePapendorp naseDoringbaai, kunye nakuluntu lwaseMntla Koloni ePort Nolloth naseHondeklipbaai. Kwezi nyanga kwakhona iqela latyelela kaninzi abalobi abakude nonxweme baseVanderkloof naseGariiep.

Ngomhla we-17 kaMatshi, iMasifundise yahlangana nabalobi base-Ebenhaeser, ePapendorp naseDoringbaai ukuxoxa ngemeko yemicimbi yommandla.

Ngelixa lentlanganiso, abalobi bavelisa iinkxalabo ezivakalayo malunga nokuphuhliswa kwePlani yoLawulo lweChweba laseOlifants (Olifants Estuary Management Plan) (i-OEMP). Le Plani yaphuhliswa ngowe-2006 kwaye seyiza kugqitywa. Abahlali banenkxalabo malunga nempembelelo engalunganga imisebenzi endululweyo yezezimbiwa, imisitho yezolonwabo kunye nokuthintelwa kokufikelela ekulobeni enokuyenza kwiindlela zabo zokuziphilisa.

Kutyelelo lwabo lwaKwaZulu-Natal kwiiveki zokuqala ezintathu kuMatshi, iqela lityelele abahlali abagudle unxweme baseMazambane, eKosi Bay, eMtubatuba kunye nabalobi baseJozini. Ezi zihlandlo zotyelelo zazijonge ukuvuselela nokomeleza ubudlelane kunye nokuthabatha inxaxheba kwimisebenzi yokuxhobisa ngezakhono neye-PAR.

IMasifundise kwakhona yamema umasipala wengingqi kwingingqi nganye

kwaye yavavanya iingxaki ezijongene nookopoletyeni be-SSF. Kwiintlanganiso, iingxoxo kwakhona zagxila kwinkxaso enokunikwa ngoomasipala bengingqi ukomeleza uphuhliso lwezoqoqosho lwengingqi ngamashishini ezokuloba kwabasakhasayo.

Ngenyanga ka-Epreli, imisebenzi elandelayo ye-PAR yaqhutywa kwiingingqi zabahlali baseDwesa-Cwebe eMpuma Koloni. Ngomhla we-22 nowe-23 kaEpreli, iqela liqhube ucweyo ngokusebenzisana neLegal Resource Centre ukwakha isakhono seengingqi zabahlali ezisixhenxe eziyinxenye yebango lomhlaba, ngokuphathelele kokubhekiselele kwisiGwebo saseGongqose sokuqondwa kwamalungelo okulobela ezenkcubeko ukulungiselela uluntu lwaseHobeni.

Ucweyo kwakhona lwanika ithuba lokuba kumiselwe ubudlelane bokusebenzisana neDwesa-Cwebe CPA kwaye kubhalwe phantsi eminye yemibandela enxulumene nokuxhatshazwa koLondolozo lweNdalo kuMyezo weNdalo (Nature Reserve) waseDwesa Cwebe kuze kuxoxwe ngeTyala laseShell elifakwe ngaba bahlali bezi ngingqi.

Kwiinyanga ezilandelayo, iMasifundise iza kuqhubeka nokubandakanyeka kuphando olwenziwa ngaphandle kunxweme kunye nakude nonxweme, kunye nokulungiselela iFisher People's Tribunal and National Strategic Forum.



Ngasentla: Ukudibana nabalobi abavela e-Olifants kunye noNico Waldeck ovela e-ABALOB kwimeko yabalobi abakhasayo e-Ebenhaeser.



Ngasentla: Ucweyo lweSicwangciso seMasifundise kwiFisher Peoples Tribunal, iCresta Hotel eKapa.

AbaChophelimatyala babaLobi (Fisher Peoples Tribunal) ukomeleza izimvo zabalobi

NGOMHLA WE-12 kaEpreli, iMasifundise iye yasingatha isicwangcisoqhinga kunye nocweyo lokucwangcisa olube yimpumelelo ukulungiselela uChophelomatyala lwabaLobi ukuba luqhubeka ngowe-2023.

Ucweyo lusungule inkqubo yochophelomatyala kwaye abameli abali-10 beCoastal Links kunye nabaloba kude nonxweme, kwakunye nabameli be-TCOE, iGreen Connection, iLegal Resources Centre, i-SDCEA, i-PLAAS, iOne Ocean Hub, iPermanent Peoples Tribunal Secretariat, iNALEDI, i-TNI, iCrocevia, iHeinrich Boll Foundation kunye neRosa Luxembourg Foundation bathabatha inxaxheba kwintlanganiso.

“Abachophelimatyala bangahlala indlela ukuqhubela phambili umzabalazo. Abalobi abasakhasayo bazabalaze ixesha elide kodwa khange kubekho zimpumelelo zingako ezithe zaba lulutho ngokuphathelele

kumzabalazo.” UWinnie Mbokazi, inkokeli yeCoastal Links, eNkundusi Kwa Zulu Natal.

Kwathathwa isigqibo sokuphuhlisa izicwangcisoqhinga ezahlukeneyo kunye namaqhinga ukusabela kuphuhliso oluchaphazela ubomi neendlela zokuphila koluntu olukude nonxweme kunye nolugudle unxweme. Kwakhona, ukwakha eminye imibono namaphulo agxile kubulungisa bezentlalo, bezoqoqosho nobezokusingqongileyo yabalobi nabanye abantu abasebenza kwiingingqi ezigudle unxweme nodonga lomlambo.

Abachophelimatyala babaLobi bazama ukubhala amaxwebhu ngokufezekileyo baze babeke elubala ukulawulwa kolwandle ngabasemagunyeni ezoqoqosho kunye nokunyhashwa kwamalungelo abalobi nokukhangela ukuba ingaba amalungelo abo kuyahlangatyeywana na nawo kunye nokusebenza kweenkqubo zomgaqonkqubo ezinxulumeneyo.

Abazimasileyo baye babelana ngamava abachophelimatyala angaphambili, banika

izimvo ngesakhiwo nokuyilwa kwenkqubo, bachonga imixholo ebalulekileyo kwicandelo leshishini lezokuloba labasakhasayo baze baqaphela izikhewu ukulungiselela inkqubela phambili.

“Umsebenzi kufuneka wenziwe ngokuqala emazantsi. Abanye abaqondi nokuba sisuka phi. Amagosa karhulumente awasithathi ngokuba singabantu. Sibonwa njengabantu nje ekufuneka bashenxiswe. Abantu abazi nto ngezi ntlanganiso zikarhulumente apho anezicwangciso ezibandakanya thina” uZingisa Ludude, iNkokeli yeCoastal Links, eMpuma Koloni.

Uchophelomatyala lwabaLobi ayiz’ ukuba yinto yemini enye, koko luza kuba yinkqubo egxile kwiindlela zokuziphilisa, inkcubeko kunye nezithethe zabalobi kubekwa phambili umbono ongomnye wosetyenziso olunobulungisa ngokuphathelele kokusingqongileyo nakwintlalo, olugxininisa ilungelo labantu ekutyeni okunempilo nokufanele inkcubeko yabo nobulungisa ngokubhekiselele kwimozulu.